AL HIDAYAH CENTRE EASTERN CAPE

# ILIZWI LE-ISLAM

NEWSLETTER *isiXhosa*

ISSUE 2 - SEPTEMBER 2018

*Inside this issue*

**UMTSHATO WE ISLAM:** ADVICES ON MARRIAGE IN THE MUSLIM COMMUNITY

**IMIBUZO NEEMPENDULO:** YOUR QUESTIONS ANSWERED

**BIOGRAPHY :** LUQMAAN ALAIHIS SALAAM




**2ND** most populous home language



**ISLAM** is the largest religion of conversion in South Africa. Islam grew sixfold from 1991 to 2004 *

* Sources:
Religion News Blog
The Christian Science Monitor

# MUHARRAM

Inyanga yokuqala ngokwe khalenda ye Islam yaziwa ngokuba yiMurram. UAllah kwikurani ezukileyo uthi:

Inene inani leenyanga kuAllah lishumi elinambini (enyakeni), oko kwamiselwa nguAllah ngeMini Awadala amazulu nomhlaba; kuzo kukho ezine eziNgcwele, Leyo yinkolo ethe tye, ningabenzi ubugwenxa kuzo, yilwani ke nabenquli zithixo niyimbumba njengoko nabo besilwa Nani beyimbumba. Kodwa nazi nina okokuba uAllah ungakwabangcwele. (surah touba verse 36)

Inyanga ezine ezingcwele zezi Muharram, Rajab, Zhulqa'da kunye neZhulhijjah. Ubungcwele bezinyanga babukho kwamandulo kwiShariah zabanye abaProfethi. Njengoko sisazi ukuba inkolo ye Islam isoloko ibeka phambili ukuqinisa ikhonco phakathi kwezicaka (abantu) noMdali (Allah) wabo.Kubalulekile ukuba kuba lona ingunyaka wethu omtsha, siqale sijonge kunyaka odluliyo ukuba ingaba inkolo yam ikhulile na kunonyaka odlulileyo,khona ukuze uyazi ukuba kulonyaka mtsha kufuneka uqinise phi na.Kufuneka uqala nje lo nyaka sizimisele ukwenza intando ka Allah ngalo lonke ixesha, ukuze ukuba sibhatyazile sicela ukuxolelwa ngu Allah. Le nyanga yonke ingcwele ingakumbi umhla weshumi obizwa ngokuba yi Ashura. Malunga nelisuku isenzo esihle esinokusenza kukuzila ukutya,njengoko esitsho umProfethi weIslam : Okona kuzila kungcono ngaphandle kwenyanga yeRamadaan kukuzila kwenyanga kaAllah iMuharram kwaye owona mthandazo ungcono kuneminye imithandazo ngaphandle kwemithandazo eFardh ngumthandazo weTahajjud (umthandazo owenziwa emva kokugqitha kwesiqingatha sobusuku). (Sahih Muslim) UAyesha radhiallahu anha usichazela ukuba umProfethi sallallahu alayhi wasallam wayalela ukuba kuzilwe ukutya ngemini ye Aashoora (10th) kodwa kwathi kokwenziwa Fardh (Compulsory) ukuzila kwenyanga ye Ramadaan wayeka ukunyanzela ukuzilwa ngolu suku, koko lowo ufunayo wayezila lowo ufunayo angazili. (Sahih Bukhari)

Xa wayebuzwa umProfethi sallallahu alayhi wasallam umvuzo wokuzila ngemini ye Aashoora waphendula wathi:Imbuyekezo kukuba izono zonyaka ogqithileyo ziyakuxolelwa (izono ezincinane). (Sahih Muslim) UmProfethi sallallahu alayhi wasallam wathi xa efika eMadina wafumana amaJuda ezilile ngale mini ye Aashoora. Xa ewabuza isizathu sokuzila kwawo? aphendula athi, Lena yimini enkulu. Ngale mini uAllah wasindisa uMoosa alayhis salaam nabantu bakhe ku Faro nomkhosi wakhe. Kengoko uMoosa alayhis salaam waya wazila ukutya ngale mini njengo mbulelo ku Allah ngokuba khupha kwiintshutshiso zika Faro. Apho uRasoolullah salllallahu alayhi wasallam wakuva oko wathi: Thina maMuslim singabona basondeleyo kuMoosa alayhis salaam kunani, emva koko uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wazila olusuku uqobo lwakhe waza wayalela abafundi bakhe ukuba bazile nabo(nawo onke amaMuslim). (Sahih Muslim)

# *ILIZWI LO MHLELI*

**Umyalezo**

Assalamu alaykum warahmatullahi wabarakatuh

Iindumiso zonke mazibe ku Allah uMdali wezulu nomhlaba kunye nako konke okusingqongileyo. Inga iinceba neentsikelelo zikaallah kumProfethi noMthunywa wakhe sallallahu alayhi wasallam. Siyabulela ukuba niziphe ithuba lokuba nifunde eliphepha lethu mzi ontsundu.

Impumelelo yalo ixhomekeke kuni ngokuyixhasa. Inxaso yenu iyakuba nilifunde kwaye nifake inxaso ngokwe miba eninqwenela ukuba sigxile kuyo Inshallah.

I ijtima nayo sele ifikile, siyathemba ukuba abayayo bayakuzuza lukhulu inshAllah.

Indlela onokuhlomla ngayo yile:

WhatsApp: 0745569435
Cellnumber: 0812403844
Email: muhsin.mbotoli@gmail.com

**Muhsin Mbotoli** *(Moulana)*

**ADVERTISE** and help reach out to the large Xhosa population. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. 081 240 3844

# UMTSHATO WE ISLAM

Iidawo esihlala kuzo zibuchaphazela nqo ubomi Bethune. Kuseso sizathu sibona ukuba umntu wonke wenza imizamo nemigudu yokwakha umphakathi osulungekileyo. Esinye seziseko zokwakha umphakathi osulungekileyo ngumtshato.

Ngenxa yomtshato umntu ufumana ukuphola engqondweni nokonwaba. Nto leyo ebangela ukuba umntu awenze umsebenzi wakhe nokwenza intando kaAllah lula. Kwakhona umtshato yinyoba yokuba umntu akwazi ukuzalisekisa inkanuko zendalo. Ngenxa yomtshato isizwe siyanda yinzala esulungekileyo enomnombo ongenachaphaza, kwaye yenza ukuba kubelula ukulanda umnombo wethu. Abantu basentshona basilahlile kakhulu esisithethe xa kungoku kuxhaphake into yokuhlalisana (concept of living together without marriage).

Xa bediniwe kukuhlalisana bathatha ngokuthi good bye ibe iphelile njalo into ibibadibanisa.Iziqhamo zalonto ngoku siyazibona njengoku khutshwa kwezisu (abortion) nabantwana abangabaziyo otata babo, iAIDS nokumitha kwamantombazana aselula singabalibelanga abo bathabatha ubomi babo ngenxa yokuba bengakwazi ukumelana nokwahlukana nomasihlalisane babo.

**Sophisticated Begging**

Indlela entsha yokuzama ukufumana le mali ininzi kukungqiba ngendlela enobuchwepheshe ebizwa ngokuba yiBridal Shower eyenzeka kwintsuku ezimbalwa phambi komtshato. Umyalelo oyimfihlo kuba wonke umntu omenyiweyo kulindeleke ukuba aze namabhaso asisipho kulowo utshatayo. Nto leyo ikhabanayo neHadith apho kuthiwa: Akuvumelekanga ukuthabatha ubutyebi belinye iMuslim ngaphandle kokuba likunike ngentliziyo yalo yonke (ngaphandle kokunyanzelwa).

**Isiseko**

Umtshato kuba usisiseko sesakhiwo esizakwakhiwa kuso umtshato wobumi obude, kubalulekile ukuba ube usikelelekile khona uzokwazi ukumelana neenqwithelo zobomi.

**Isisombululo**

Isisombululo kukuba sibuyele emva, kwimfundiso neSunnah, ngokuthi silandele indlela yomProfethi namaSahaba □R.A□. Xa sijonga sibona ukuba amanye amaSahabaR.A aye atshata eMadina ekhona uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kodwa azange ammeme, azange ayithabathe njengento eyimfuneko kwaye naye uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam azange ayiqumbele into yokungamenywa. Abanye abantu xa ubaxelela ngokuba batshate ibangathi uzakuba bulala kodwa kona ukuhlalisana akuyongxaki. MaMuslim amnyama ingakumbi eyona ndlela sinokwakha ngayo iIslam apho sihlala khona kukuba sibe libandla labantu abatshatileyo, khona ukuze nenzala yethu izokuba nomnombo ochanekileyo inshAllah.

Inga u Allah angasincedisa sonke ekubeni silandele iSunnah ebomini bethu bonke. Aameen

NIKAH

## *INCITHO ENCINANE EMTSHATWENI*

Kule meko siyichazileyo akukho mntu unokukhala ukuba sigxininisa kakhulu ukubaluleka komtshato. Kuba ngoku evulekile amehlo, sizakuzibuza ukuba into ebalulekileyo kangaka nokuba ixabiso lokuzibophelela likhulu kakhulu. UmProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi: Inene owona mtshato usikekelekileyo (blessed) ngulowo unencitho encinane.

"Ngokuthi umProfethi sallallahu alayhi wasallam agxininise ukuba incitho yomtshato ingabi ninzi, uvula indlela kwabo banqwenela ukutshata, ukuba bangakoyiki ukutshata kuba benexhala le ncitho eninzi kuba kaloku umtshato ubalulekile kumntu wonke, osisityebi nolihlwempu.

Ukuba lengcebiso yokwenza incitho yomtshato ibe lula ifikeleleke, asiyi thatheli ngqalelo siyakuzibona sintyumpantyumpeka ematyaleni. Kulapho siyakufumana ukuba umtshato ngowabantu abazizityebi bodwa kuba bona bekwazi ukumelana nalo ncitho iphezulu yokutshata, bona abo bangenamali ininzi bona kuyakufuneka baboleke imali khona ukuze batshate, ukuze wona amahlwempu angafane atshate emaphupheni kuphela.

# IBALI MALUNGA NOKUPHATHA KAKUHLE UMTSHATO

Indoda nomfazi wakhe babetshatile malunga neminyaka namashumi amathandathu. Babehlelisene kakuhle bebonisana kwinto yonke abayenzayo. Kwakungekho nto elowo ayifihlayo omnye komnye ngaphandle kwebhokisi yezihlangu eyayixhonywe phezu kwekhabhathi, malunga nayo wayeyilumnkisile indoda yakhe ukuba angaze ayivule okanye ambuze ngayo. Yonke le minyaka nayo indoda azange izihluphe ngokumbuza kuba yonke into yayihamba kakuhle. Ngaminazana ithile inkosikazi yaya yagula kakhulu kangangokuba ugqirha wathi wa kumvavanya wafumanisa ukuba amathuba okuphila kuye akekho. Indoda yakuva ezondaba yathi ifuna ukulungisa zonke izinto phambi kokuba asweleke kuquka nalaa bhokisi yezihlangu ingaziwayo imfihlo yayo. Waya wavuma naye ngoku umfazi wakh, ukuba amxelele imfihlo malunga nala bhokisi yezihlangu iphezu kwekhabhathi.Yakuyivula ibhokisi yezihlangu indoda yafumana onodoli ababini abanithiweyo kunye nemali engange $25,000. Indoda yabuza umfazi malunga nezinto ezisebhokisini, yena waphendula wathi, "Umakhulu wam wandixelela ukuba imfihlo yomtshato onolonwabo kukungalwisani. Kodwa ukuba kwenzekile ukuba ndibe nomsindo nawe, kufuneka ndithi cwaka ndinithe unodoli. Indoda yakuva elicebiso yaphantsa ukulila, kuba kaloku indoda yabona nje onodoli ababini, nto leyo ngengcinga yayo, yayicinga ukuba umfazi wayo yamenza umsindo kabini qha. Indoda yathi Honey, uyicacisile imfihlo yonodoli, yona imali ithini imfihlo yayo? Umfazi waphendula, le mali yimali endiyifumene ngokuthengisa abanodoli. Nto ebonisa ukuba umfazi wayesoloko esenziwa umsindo ngumyeni wakhe kodwa ngenxa yokusebenzisa komfazi iingcebiso zikamakhulu wakhe watsho wasinda ekuphasakaleni umtshato wabo.

# IMIBUZO NEEMPENDULO
# HANAFI Q&A

**Q: Ndiphangela kwindawo ethengisa ukutya, njengomcoci ngamanye amaxesha ndisebenza ethilini. Ezinye zezinto ezithengiswayo yimidiza, inyama yehagu kunye nelotto. Kule venkile zikwakhona nezinto ezi halaal umzekelo iziselo ezibandayo, amayeza nezinye nezinye Ingaba kuharaam Na kum ukusebenza kule venkile, kwaye ingaba umrholo wam endiwufumene kulo msebenzi iharaam Na?**

A: Zimbini izinto ezibangela ukuba uyazi ukuba ingaba ingeniso yakho ihalaal okanye iharaam kusini na:

1. Ubuninzi bomthombo bezimali apho abasebenzi babhatalwa khona.
2. Umsebenzi oqeshelwe wona.

Malunga nombuzo wakho, ukuba ubuninzi bengeniso yalo venkile uphangela kuyo isuka kwizinto eziHalaal, kulo meko umsebenzi kunye nomvuzo ziyakuba halaal. Umsebenzi wakho wena kukugqithisa urhwebelwano nokucoca. Kuba njalo wena akuchaphazeleki ekusungulweni kwesivumelwano sorhwebo kwaye ungenguye nommeli womnikazi wevenkile.

*Approved by Mufti Ebrahim Desai*

**Q: Ndingunkosikazi otshate nendoda enonyana ababini (iminyaka yabo ingaphezulu kunamashumi amabini) kumtshato wayo wangaphambili. Umthetho wam ndinxiba isigqumi buso (hijaab) kodwa andibugqumi ubuso phambi kwabo Kuba kunzima ukusoloko ndizigqumile. Ingaba kulungile ukuba ndingazigqumi phambi kwabo?**

A:Ngokwale nkcazelo uyinikezeleyo, oonyana bomyeni wakho komnye umfazi akuyomfuneko ukuba uzigqume kubo, Kuba ngonyana bomyeni wakho. Kodwa kungcono uhlalele mgama kubo Kuba basebatsha.

*Approved By Mufti Shafiq Jakhura*

**Q: Kutheni kungavumelekanga ukuba umfazi abe namadoda amabini nangaphezulu ukuba uziva engakwazi ukumelana nawo?**

A: Akuvumelekanga, ngenxa yombhodamo onokwenzeka. Lo madoda angasoloko esilwa ngaye. Ukuba kwenzeke akhulelwe ngowuphi kulo madoda ozakuba ngutata? Iingxaki zentlalo zinganinzi kakhulu.

*Approved by Mufti Ebrahim Desai*

---

# IMIBUZO NEEMPENDULO
# SHAFI Q&A

**Q: Ingaba kuvumelekile ukuba Indoda imphathaphathe unkosikazi wayo xa unkosikazi esexesheni?**

A: Xa umntu obhinqileyo esexesheni, akuvumelekanga kumyeni wakhe ukuba izikhumba zabo zidibane ukususela enkabeni uyokutsho emadolweni. Yilonto yodwa engavumelekanga. Ukuzivisa kamnandi ngokuphathaphathana xa kukho into eyahlulayo phakathi kwezikhumba okanye ngokujonga,leyo into ivumelekile. (Sunni Path)

**Q: Ingaba kulunyanzelo na ukuba unkosikazi athobele utatazala wakhe?**

A: Ukuthobela utatazala akufani nokuthobela umyeni, kengoko akulonyanzelo kumolokazana ukuthobela utatazala. Kodwa kubalulekile ukuba abahloniphe, enze okulungileyo kubazali bomyeni wakhe khona ukuze kubekho ukuhlalisana ekhayeni. (SunniPath)

**Q: Ingaba umntu oyindoda owomnkele iIslam sele emdala kuyimfuneko na ukuba oluke?**

A: Zonke I Ulama ziyangqinelana nokuba ukoluka ngokwenkolo yinto encomekayo kakhulu, ngoko luvo luka Imaam Shafi RA uthi ukoluka kulunyanzelo, kodwa ezinye I Ulama zithi akulonyanzelo koko kuyinto encomekayo. Into ebalulekileyo kumadoda athi omnkele iIslam kukuba akhusele inkolo yawo nokuba ayikhulise inkolo yawo. Ukunyanzelisa izinto ezinjengo kunyanzelisa ukoluka kusenoku balekisa kwaphela lo mntu mtsha kwi Islam. Ukuba lo mntu mtsha uyazifunela ukoluka esenzo sakhe siyinto entle. Kuyakuvumeleka ukuba awuveze umzimba wakhe wangasese kugqirha khona ukuze oluswe, kodwa kufuneka aveze le ndawo ifunekayo kuphela. (SunniPath)

**Q: Ingaba umtshato ngaphandle kweWali(uMnakekeli) webhinqa uvumelekile na?**

A: Kwisivumelano somtshato ngamacala amabini achaphazelekayo.Lo macala mabini ngala licala lomtshakazi necala lomyeni. Umyeni yena uyazimela kanti yena umtshakazi yena umelwa ngummeli womnakekeli okanye uMnakekeli uqobo. Umntu obhinqileyo akavumelekanga omnkele ukucelwa okanye omnkele umtshato. Kengoko akavumelekanga ukuzitshatisa ngaphandle kwemvume yeWali. IHadith ithi: Umtshato awomnkelekanga ngaphandle kwe Wali kunye namangqina amabini athembekeleyo. (Bayhaqi) Sunni Path.

**Q: Ingaba kuvumelekile na I umntu obhinqileyo athandaze ebugqumile ubuso?**

A: Kuyinto engathandekiyo ukuba umntu ongumama athandaze ebugqumile ubuso, ngaphandle kokuba apho athandazela khona kukho amadoda avumelekileyo ukuba angatshata naye. (SunniPath)

**Q: Emthandazweni kufuneka zibekwe ndawoni izandla?**

A: ISunnah kukuba uhlise izandla emva kweTakbeer Tahreema, ubeke isandla sasekunene phezu kwesandla sasekhohlo, ubambe isihlahla sasekhohlo. Izandla kufuneka zibekwe ezantsi kwesifuba entla kwenkaba.

# BIOGRAPHY OF LUQMAAN ALAIHIS SALAAM

Igama lakhe yayinguLuqmaan bin Nahoor bin Taarih yena wayengutata ka Ibrahiem Alayhis salaam, lo mnombo unikezelwe nguMuhammad Ibni Ishaaq, Suhaili yena uthi igama lakhe yayingu Luqmaan bin Anqaa bin Seeroon owaye ngowefamily ka Aaila.Ibni Katheer uthi□ ULuqmaan RA wayeyi jaji yamaSirayeli ngexesha lo mProfethi uDawood AS.

Ibni Qutaiba yena wathi□ ULuqmaan RA wayelikhoboka elalivela e Abyssinia□Ethiopia□uMnikazi wakhe waye ngumSirayeli,emva kwexesha uMaster wakhe waya wamnika inkululeko kwaye wamnika nobutyebi.

Ibni Abbaas RA yena wathi□ ULuqmanRA wayesisicaka esasivela eAbyssinia kwaye waye ungumchweli.

Hazrat Ibni Musayyab RA yena uthi wayevela eSudan waye babalwe ngobulumko hayi ubuProfethi. Waye bingumntu ongathethi kakhulu, wayesoloko engumntu ocingayo, eyimboni, engazange alale emini kwaye engazange abonwe ethufa. Azange afane azikhohlelise, agezele bantu. Azange ahleke koko xa ethetha wayethetha amazwi obulumko. UKhalid Rabiee ukubonisa ubulumnko bakhe usichazela elibali lilandelayo, "Ngenye imini yathi inkosi yakhe kuye, Xhela le bhokhwe, ekubeni eyixhelile, yathi inkosi yakhe kuye, khupha awona malungu angcono(best) yena wakhupha ulwimi nentliziyo. Kwakhona wayalelwa ukuba akhuphe awona malungu mabi(worse) kwakhona wakhupha ulwimi nentliziyo. Inkosi yakhe yathi kuye, xa bendithe kuwe khupha awona malungu angcono (best) ubukhuphe kwalamalungu manye?

Waphendula uLuqmaan RA wathi inene akukho malungu angcono kuna la ukuba acocekile akangcoliswanga zizono nezinto ezingalunganga, kwakhona akukho malungu mabi ukogqitha la xa emdaka enyukunyuku zizono nezinto ezingalunganga.

Malunga nonyana wakhe nomfazi wakhe kuthiwa babe ngakholwa, kungeso sizathu kwiQuran simva eyalela unyana wakhe ukuba azikhwebule kwiShirk, kodwa waba nenyameko kubo bada baguquka bazi Muslim. Kule ndawo ingentla siyafunda ukuba nasekubeni wayekholwe kakhulu kangaka kodwa uAllah wamvavanya khona ukuze sizobona nathi ukuba inyameko ibalulekile kumakholwa masingapheli mandla ekubizeleni abantu kwi Islam.

# AMAZWI ENGCEBISO KUNYANA WAKHE

1 None should partake of your food except pious people. Cela ingcebiso kwi Ulama malunga nezinto ongaziqondiyo.

2 Yithi nca kwiindibano ze Ulama. Inene u Allah uvuselela iintliziyo ngamazwi obulumnko njengokuba imvula eluncedo ivusela umhlaba ofileyo.

3 Yiba sisityebi kwaye uthembakale.

4 Yenza ukuthobela uAllah kufane noshishino ,njalo uyakufumana inzuzo ngaphandle kwenkunzi (yokuqala ushishino).

5 Musa ukubutshabalalisa ubutyebi bakho kwaye busebenzise ngononophelo ubutyebi babanye abantu.

*Siyakuphinda siqhubekeke ngamanye amazwi obulumnko bakhe inshAllah.*
*(Extracted from Wisdom of Luqmaan RA)*

**Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or for any queries and input on: 081 240 3844**

@Hidayah_Centre hidayah_centre Al Hidayah Centre

AL HIDAYAH CENTRE EASTERN CAPE